Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## 2019

**AMANQAKU: 80**

**XESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-26.**

*Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha*

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli/UncwadiLwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ÉcoleBooks

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ÉcoleBooks

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Inyibiba' | Umbuzo osisincoko sombongo | 10 | 6 |
| 2. 'Unozakuzaku' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'Iimbongi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'UMfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. 'Imfundo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| 7. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 11 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| 10. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 21 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 21 |
| 16. *Indlal'inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 24 |
| 17. *Indlal'inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA*– B Ngombane**

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**INYIBIBA – JJR Jolobe**

Ndayibona izifihla
Enqaben'ezixhotyeni,
Ngaphakathi kwamalwalwa
Amabini, iqaqambile.
Hayi, obo buhle!

Izityalo ezithile
Zaye zimi zijikele;
Yayiphakamisa leyo
Ntloko yayo imhlophe-mthubi,
Njengetshawekazi.

Yema ithe zole cwaka,
Leyo ndebe ibukhephu.
Yayimsulwa kolo hlanga
Lwayo, im'iyimfezeko,
Inyibiba entle.

Loo magqabi asixwexwe
Achokozwe busiliva,
Aphuphuma kukuphila,
Ayekratsha ngemveliso
Yobo bomi bawo.

Cazulula isigama esisetyenziswe yimbongi kwesi sicatshulwa sombongo ukuphuhlisa ubuhle benyibiba.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UNOZAKUZAKU – ZS Qangule**

Indod'encazwa ngabakhulu kwanabanci,
Kufunek'ingalandulanga kodwa yenz' ezo nto
Imaz'esengekayo nok'isisaqhaga,
Kaloku yindlezan'ayinakoma kuthi tu.

Lo mf'akamntwana kodw'akaxhego,
Izicithi ziwubonile umtsi wakh'edlula.
Lithemb'elingafuni kudanisa mntu.
Isiqalo ndawonye nesiphelo sendaba nguye.

Sel'ethwel'ufele emagxen'egoduka,
Ehamb'ezimfikila yimbek'ebekuyo.
Selekubon'ukuphumelela kobo buhlobo,
Ekufikeni kwakh'ekhaya komemelelwa.

Wayi wayi ngabantu bekhaya,
Kunge kumhla kwathiwa kwahluzwa,
Wonke k'umntu amamele ngeendlebe namehlo,
Kude kuphele yonk'int'ebithetha.

EcoleBooks

2.1 Luphuhlisa ntoni ngonozakuzaku uchasaniso olusetyenziswe kumqolo wesi-3? (2)

2.2 Tyhila ngesivakalisi ESINYE okuthethwa yimbongi ngonozakuzaku kwisitanza sesi-2. (2)

2.3 Cacisa umfanekiso ntelekelelo ozotywa kumqolo we-13 ngonozakuzaku. (2)

2.4 Chaza ukuba sidalwe njani isingqisho salo mbongo. (2)

2.5 Nika umyalezo ofumaneka kulo mbongo ngonozakuzaku. (2)

**[10]**

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IIMBONGI – ZS Qangule**

Nkedama ezaziwa ngokubhonga,
Mithombo ehlupha ngokubhanga,
Nzala yamagqirha ngokunuka,
Luhlobo lwamanxila ngokuthuka,
Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,
Xholovane benkundla ukuxoxa,
Zazi zeembalo ukuprofithesha,
Makholwa endalo ukubhedesha,
Manyange anyanga izizwe,
Bavuseleli abatyala ubuzwe,
Zingxangxasi iingcamango zenu,
Yingxubevange ukugxagxaza kwenu,
Ndiphuma nani ngokutola.
Ndivuma nina ngokuhlola.

3.1 Siphuhlisa ntoni ngeembongi isikweko esisetyenziswe kumqolo wesi-2? (2)

3.2 Tyhila ngesivakalisi ESINYE okuthethwa yimbongi ngeembongi kwiokthevi yale sonethi. (2)

EcoleBooks

3.3 Cacisa umfanekiso ntelekelelo ozotywa kumqolo we-12 ngeembongi. (2)

3.4 Chaza ukuba sidalwe njani isingqisho salo mbongo. (2)

3.5 Nika umyalezo ofumaneka kulo mbongo ngeembongi. (2)
**[10]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – SEK Mqhayi**

Igqibil'intomb'asemzini;
Igqibil'intomb'aseLusuthu;
Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni
Ukhe wabek'iinyawo kwelabaTswana;
Kusapho lukaKama nolwabaRolweni;
Wabek'amabele kubaThembu;
Kumabandla kaNdaba kaZondwa;
ETyhalarha kwingcwaba likaNgangelizwe.

Maz'emabele made yase-Afrika;
Okwanyis'usapho lukaNtu luphela;
Azi nonyaka yaphusile nje;
Logangwa yintokazi kabani na?
Menzelen'ilitye lokukhunjulwa,
Ze siqhayisele ngal'amavilakazi;
Az'angaz'alityalwe kowabo;
Az'angaz'alityalw'emhlabeni,
Az'angaz'alityalw'-eAfrika!
Nci! Ncincilili!

4.1 Siphuhlisa ntoni ngomfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke isihlonipho esisetyenziswe kumqolo woku-1 nakowesi-2? (2)

4.2 Tyhila ngesivakalisi ESINYE okuthethwa yimbongi kumqolo we-11 nakowe-12. (2)

4.3 Cacisa umfanekiso ntelekelelo ozotywa kumqolo we-9 ngomfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke. (2)

4.4 Chaza ukuba sidalwe njani isingqisho kwimiqolo 15 ukuya kowe-17. (2)

4.5 Nika umyalezo ofumaneka kulo mbongo ngomfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke. (2)
**[10]**

**KUNYE**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

## UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IMFUNDO – PM Qangule**

Yindyebo etyebis'ingqondo
Yintlwayelo echumis'engqondweni.
Sisiqholo sokuqhol'engqondweni,
Bubusi obuncindi ichwayitis'ingqondo.
Sisivundiso sokuchumis'ingqondo.
Sisizalo seengqondi neenkcuba-buchopho.

Yintlaka eyakhulis'engqondweni.
Yintubululu eqhwatyelwa bubunqumbululu.
Bubunqumbululu bamasi oqobo qobo,
Ngumthi omagqab'aluhlaza yaka.
Lilitha elizinze kwimithambo yengqondo,
Yinkwenkwezi ekhazimlayo engqondweni.

Bubuhle obunyulu bobunyulu bengqondo,
Abayizuzileyo imfundo bazuze ubomi.
Abayifunxileyo bapholil'engqondweni,
Abayifumeneyo bafumene elenen'ilifa.
Abafunileyo banekhakha lobomi,
Ilitha elingasayi kucima naphakade.

EcoleBooks

5.1 Chaza umsebenzi wemvano siqalo kumqolo woku-1 nowesi-2. (2)

5.2 Ivakalelwa njani imbongi ngemfundo kwisitanza sesi-2? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.3 Xela ukuba iqaqambisa ntoni imbongi ngemfundo ngokuphinda igama 'nyulu' kumqolo we-13. (2)

5.4 Nika umxholo walo mbongo. (2)

5.5 Xhasa uluvo lwembongi oluqulethwe ngumqolo we-18. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo okanye kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE nakuNcwadi Lwemveli, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli). KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Chaza indlela umbhali amzobe ngayo uMfuneko ukuphuhlisa umxholo wolwaphulo-mthetho kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

'Uhamba apha esithubeni abuye ngothulanja enuka utywala. Okwangoku ndifuna aye kuqweba isimilo esitsha kowabo.'
'Utywala ke yihlo abuhambi bodwa. Apho kukho utywala kukho amadoda abhantsayo. Mntakabawo, ndithembe, andisokuze ndikulahlekise nakanye.'
'Ewe yihlo, ndiyayazi loo nto.' Uyandazi ukuba ndingumntu ongayifuniyo into embi ngendalo. Elam lithi akukabi naye wena umfazi, lo unaye uyacaca ukuba uze emalini yakho, ngoko ke zikhwebule kuye engekakulimazi. Le nto ayenzayo ngoku ingabuchaphazela nobomi bakho. Kumaxa undawoni wena kulaa mcimbi wakho noSiziwe?' wabuza uMkhokeli. 'Kuselukhuni mfo kabawo. USiziwe uthi akasoze abe sisithembu yena. Ewe, uyayiva ingxaki endinayo nomfazi wam kwaye uyavelana nam kakhulu kuyo kodwa mandiqale ndimenzele nje incetyana encinci, ndiqhawule umtshato wam noThantaswa kuqala. Yile ndawo ndiyibalekayo ke leyo.'
'Uyavakala mntakabawo, kwaye yinyaniso le ayithethayo uSiziwe. Ixhala lam mna bubomi bakho.'
'Akakho umntu olilitye kulo mhlaba, Ndweshe. Ngaphaya koko kuthiwa ukufa akwaziwa.

Angasuka abhubhe kuqala ngoku yena ebejonge ukubulala mna kuqala. Ukubalekisela ilifa lam kulo mfazi, kungcono ndiye egqwetheni lam ndiyokwenza umyolelo obhalwe phantsi. Ndifuna athi nokuba ucinga ngokundibulala angakhothi naphantsi emalini yam', wantyuntya watsho uMsindisi.
'Kwekhu! Ucinge into yokwenene mfo kabawo.'

7.1 Xela isenzo sikaThantaswa esenza ukuba uMkhokeli ambone njengoze emalini kaMsindisi. (2)

7.2 Chaza ukuba esi sicatshulwa sibakrobisa njani kokuseza kuhla ebalini abafundi bale noveli. (2)

7.3 Bafundiswa ntoni abafundi bale noveli ngezenzo zomlinganiswa onguNonkanyiso? (2)

7.4 Cacisa indima edlalwa liziko lamapolisa kwimpixano ekule noveli. (2)

7.5 Ngqina ukuba wayefanele ukuba nexhala uMkhokeli ngobomi bukaMsindisi. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.6 Eli lifa kuthethwa ngalo kwesi sicatshulwa lilichaphazela njani eli bali kwinqanaba lesiphelo? (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

ÉcoleBooks

Waphuma apho uMdlambila ezihlekahlekisa. Wayesakrokra. Yayikhona ingqondo ethi ubekwa inkanga emehlweni ngulo mntwana uqavileyo. Wangena eofisini yakhe emanyonywana kukuphoxwa ngumntwana olibhinqa nokwenza. Yaba ngathi kuye ukrotyelwe nguNcedeka ukuba ufuna ukumsela inyongo. Ngelo thuba uMdlambila agrunywa lixhala, kwakukwamlebese kuThantaswa noMfuneko. 'Okokoko Mfuno ndide ndawuqabelisa lo mcimbi nalaa mfo namhlanje. Undincedile umntu wabantu kuba **ndiphantse ukuphulukana nenqatha selisemlonyeni**,' watsho uThantaswa onwabile.

'Ngenene uphantse ukuqabuka sekophulwe. Yiyo le nto ndithe mnike laa mfo le mali ayifunayo,' waphosa elo uMfuneko. 'UMsindisi wayecinga ukuba ubhadlile kaloku xa engandabeli mna kwilifa lakhe. Loo nyana wakhe ke uya kuliva ngokunuka okwenyama yamagqirha,' watsho ejalile ebusweni ngoku uThantaswa. Wathi qhuzu qhuzu wahleka uMfuneko. 'Kaloku yena wayecinga ukuba uyakohlwaya, nento leyo eya kuvela kuwe isisothuso esikhulu mhla yena wabhubha,' watsho uMfuneko. Ndithandaza uThixo ophilayo mna kuba naku endithobele umsindisi olungileyo, ezokundivusa, ngabula yena.
'Kuza kufuneka ke ngoku sithandwa sam, ukhawulezise uhlawule imali yalaa mfo engekatshintshi ngqondo,' wacebisa ngelo uMfuneko.
'Yinyaniso leyo Mfuno, ukuze ndiyidle kakuhle imali yam ngaphandle kwezikhubekiso namaxhala.'
'Ngaphandle kwexhala njani kaloku Thanti, kukho laa Mapheza uzenza iphela emasini nje?' Ukuba ndimphosile lo mfo kulo mngcwabo wakwaTyhalithemba, inene uya kuba unamawabo ...'

7.7 Cacisa intetho kaThantaswa ebhalwe ngqindilili ngokusemxholweni wale noveli. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



7.8 Ingaba uThantaswa umchaza ngokuchanekileyo uMdlambila xa esithi ungumsindisi olungileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.9 Khankanya iindlela zibeMBINI uMapheza azenze ngazo iphela emasini, ngabula Mfuneko. (2)

7.10 Kube bubuchule njani ukwenza ukuba uMapheza noMfuneko babe nezimo ezahlukileyo kule noveli? (2)

7.11 Phawula ngesiphumo sesivumelwano sikaThantaswa noMdlambila kule noveli. (2)

7.12 Ingaba le noveli ibhalelwe eliphi iqela labantu? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

ÉcoleBooks

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA!* – WK Tamsanqa**

Chaza indlela umbhali amzobe ngayo uThole ukuphuhlisa umxholo ongokubaluleka kokuzithathela izigqibo ebomini kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

Umntu unokuwuthabatha na umlilo awuse esifubeni sakhe, Zingatshi na iingubo zakhe? Unokuhamba na umntu phezu kwamalahle avuthayo. Zingatyabuki na iinyawo zakhe. Wathi akuweva la mazwi lwe rhiphu uvalo wee xhwenene wakha wema umzuzu ecinga kukho ingqondo ethi makangabi sangena kulo mzi aya kuwo, ekhumbula amazwi aloluhlobo ethethwa kuye enga uyaphupha ekhumbula namazwi awakha waweva ethethwa esangweni lelokishi eSprings athi, 'Umoya uvela ngaphambili,' nezinto ezathi zamhlela ngobo busuku. Uthe esahlafuna la mazwi athethwa ngulo mfo wakwaSigxabhayi weva ilizwi lisithi, 'Kutheni na Sthandwa uyalahleka?' Wee phaka esothuka. Tyhini! NguNomsa uyamhlangabeza esangweni.

'Ewe Sasa ndingxamele ukulahleka,' watsho ukuphendula efihla eyona nyaniso. Bathathana baya kungena endlwini yalulonwabo olukhulu kusenziwa ziselo kudlalwa zidraughts kusithiwani. Babengayilibali imini enje ngolo rhatya umzi ingowabo bengaphazanyiswa nto, ndithetha ukuba kwakuxhelw'eXhukwane. Kuthe kusemnandi kunjalo kwankqonkqozwa emnyango. 'Ngena!' watsho uNomsa engayiphakamisanga nentloko eqwalasele kuloo mdlalo babewudlala weedraughts etafileni. Uthe ukuwaphakamisa kwakhe amehlo esithi makakhe ajonge lo mntu ungenayo wothuka waxhuma esitulweni zasarhaka ezo draughts kwachitheka ziselo kwafa zigilasi phezu kwetafile yaba bubutyadidi.

9.1 Xela isenzo sikaThemba esenze ukuba uThole azifumane esenkathazweni mhla babesuka eGcuwa. (2)

9.2 Chaza ukuba esi sicatshulwa sibakrobisa njani kokuseza kuhla ebalini abafundi bale noveli. (2)

9.3 Bafundiswa ntoni abafundi bale noveli ngezenzo zomlinganiswa onguNomsa? (2)

9.4 Cacisa indima edlalwe likhaya likaNomsa kwimpixano ekwesi sigaba sebali. (2)

9.5 Ngqina ukuba wayefanele uThole ukuba nexhala lokungena kuloNomsa. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.6 Lo Nomsa kuthethwa ngaye kwesi sicatshulwa ulichaphazela njani eli bali kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto? (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ISICATSHULWA D**

'**Ndinjenjenje kanene kungenxa yakho Thozama** ntombi yasemaBheleni, umzamo omhle uwuzamile. Akwaba Ophezu-konke ebeya kukuvuza ngomsebenzi wakho, zihle iintsikelelo njengombethe weZulu phezu kwakho, ifezeke iminqweno yakho yonke, enjenjalo ukuyelula nemihla yakho side sibuye sibonane.'

Zenjenjalo ukusasazeka iindaba ezingaye emaphepheni zisiya kufikelela nakumaqabane akhe akudala esikolweni eZazulwana nakwaBlayi awayesithi akuwubona umfanekiso wakhe uzolile kumaphepha-ndaba avakale edanduluka emkhahlela esithi, 'Xhalanga Nkosi' atsho akhumbule izimbo zakhe ezihlekisayo namabali akhe kadyakalashe, avakale emana ukumbombozela esithi, 'Uncedo alukho emhlabeni.'

'Nantso ke ingxaki mfo kankawu.' AbakwaBlayi bathi bakuwubona lo mfanekiso nezi ndaba bakhumbula umhla wakwaNgubengcuka eClarkebury, 'Thina phaya emaMfengwini inkawu ityiwa ilila, kunjalo siyiqala entloko kule ndawo ineenyeembezi, imfene isinda ngokugoloza.' EBenoni amakhosikazi awayemazi kangako uMangaliso ngezimbo zakhe namabali ahlekisayo athi akuwubona umfanekiso wakhe kwiphepha-ndaba Imvo aphambana emana ukubonisana ngezi ndaba nalo mfanekiso.

'Hina Mazibaningashe! Ukhe wambona na umkhwenyana wakho mfazi?' watsho oqale wawubona. 'Umkhwenyana wam ongubani na MaNantsi?' yatsho impendulo. 'Uqale nini na ukungamazi umkhwenyana? Watsho emphosela ngephepha-ndaba.' 'Thixo wamaZulu nguye lo? Uphi? Uncedo alukho emhlabeni, watsho udyakalashe,' bamana ukutsho abafazi abaphoselwa eli phepha bebona umfanekiso wakhe. 'Kowu wazola umntwana womntu,' watsho omnye ewondele lo mfanekiso. 'Kodwa maNantsi lo mntwana ubufanele ubufundisi uyambona?'

9.7 Nika intsingiselo yentetho kaMangaliso ebhalwe ngqindilili ngokusemxholweni wale noveli. (2)

9.8 Ingaba ezi ntokazi zimchaza ngokuchanekileyo uMangaliso xa zisithi lo mntwana ubufanele ubufundisi? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.9 Khankanya indlela okube ngumqobo ngayo kwimpumelelo kaThole ukungakwazi ukuzithathela izigqibo. (2)

9.10 Kube bubuchule njani ukwenza ukuba uThole noThemba babe nezimo ezahlukileyo kule noveli? (2)

9.11 Phawula ngesiphumo sesivumelwano sikaFikizolo noThole sokubuyela esikolweni kule noveli. (2)

9.12 Ingaba le noveli ibhalelwe eliphi iqela labantu? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Chaza indlela umbhali amzobe ngayo uFriday ukuphuhlisa umxholo wokulwa ingcinezelo kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (amaphepha ama-2–2½). **[25]**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

Ndanga ndiyalama, ndazibuza ukuba yintoni le ingaka ndimenze yona uFriday. Yayiyintoni ke, ndandingamqhelanga nokumqhela nje? Nalapha ekuhlaleni nasekukhu-leni azizange khe zingqubane iindlela zethu. Wayengenguye namntu usoloko ekho naphakathi komzi lo, into yakhe ikukuphala apha esithubeni, ungasoze umbone nangempelaveki. Yinto yokubambelana ngoNokuzola engakhathalele kufuna bungqina kunjalo nje. Hayi, ayinakuba sisizathu eso. Mna ndandisabetha ngezikaTshiwo, ngeli xa yena wayesele etyibilika ngeempundu. Wayenezinto, ngeli xa mna ndandisaziwa ngeziya bhrukhwe zinga, kunye neehempe ezinga. Zizinto awayenazo ezazibangela ukuba aziwe njengomnye woodlalani apha abathile. Into awayenokusuka ayenze kukumhlutha naloo Nokuzola wam webhongo, aphinde amlahle akuva ethanda, ibe ngathi akwenzekanga nto. Bagxalathelana ukuya kulaa moto ndandisakuquthuma kuyo, bafika bakhanyisa, bobane sebekhuphe imikhono yekati, kucacile ukuba bafuna ukumcima igama lowo babemzingela, umna.
'Hayi akakho apha manene.' Yatsho ephambili. 'Yasinda inyhwagi sesisithi siyibambisile.' Yabuya impendulo ivela komnye. 'Siyiyekela ni singayintumeki nje le moto?' Kwatsho laa mfo uphambili. Ndandisendigqibe kwelokuba ndibhacele esihlahleni apho umalume wayengummi khona, enomhlatyana wakhe. Ndithe ndakuqabela induli yabakhwetha yahluka kubini ingqondo yam. Kwakho into ethi kukude kakhulu ngeenyawo esihlahleni mandiye kuzama ubhontsi, ithamsanqa yinto apha ongenakuyazi. Kwakukho nethi mandiqabele intaba,ndiyokukhweza iXhalanga ze ndiyokufika kwamalume sendisihla ngoZintloko.

11.1 Xela isenzo sikaFriday esenza ukuba uMfazwe azibuze le mibuzo. (2)

11.2 Chaza ukuba esi sicatshulwa sibakrobisa njani kokuseza kuhla ebalini abafundi bale noveli. (2)

11.3 Bafundiswa ntoni abafundi bale noveli ngezenzo zomlinganiswa onguNdima? (2)

11.4 Cacisa indima edlalwa liziko lamapolisa kwimpixano ekule noveli. (2)

11.5 Ngqina ukuba wayefanele ukuba nexhala ngoFriday uMfazwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.6 Lo Nokuzola kuthethwa ngaye ulichaphazela njani eli bali kwinqanaba lesiphelo? (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**ISICATSHULWA F**

Yatsho yathatha kude ukucinga ingqondo yam, **ndikhumbula amahlandinyuka endihlangene nawo** kude kuyokutsho kweso sigaba sobomi bam. Umfanekiso owawungafuni ukucima engqondweni yam ngowalaa makhwenkwana ndawadlakaza izisu ekubeni endisindise ekubulaweni nguSikhotsholo noNgqithi. Wawusithi xa usithelayo lo mfanekiso ulandelwe luzizi ngoweCresida emhlophe kufele kuyo amahlakani kaFriday ngobuya busukwazana ndingasayi kuze ndibulibale. Ndakha ndaxwesisa umbuzo kuSiphiwo noThembekile ngeso sigigaba.

'Yhuu! Bhut' F, yinja yomntu ke loo Friday. Ubagqibile ukubabulalisa abantu ngala maBhulu. Laa mahlakani akhe akaziwa ukuba uyaphi na. Phofu ke usoloko ehamba nabantu abangaziwayo ukuba ngabaphi na.'

'Xa usithi asuka anyamalala uthetha ukuthini na Thembekile?'
'Wabonwa sengasahambi nazo eziya ntwana zine, seyingabanye ngoku.'
'Uthetha ukuthi zange khe kubekho umbiko wokuba kukho abantu abacholwe emotweni emhlophe kufutshane nakwaFriday itshoba lilele umbethe?'
'Hayi, zange ibekho into enjalo. Wena ES kukho into owakha wayiva enjengale ibuzwa nguBhut' F?' Zazibonakala apha emehlweni ezi ntwana ukuba ndizibuza intsomi.
'Makube mhlawumbi mfundisi ucinga ngenye into eyenzeka kwenye indawo. Akukho mntu unokuze abulawe ingeviwa loo nto phaya kwaQaka. Neendonga zineendlebe kaloku kuleya yethu indawo.' Ndathi ndakukhuza ndiqhwaba izandla kukumangaliswa nokothuka zasuka zandiwa ngentsini ezi ntwana.

ÉcoleBooks

11.7 Nika intsingiselo yentetho kaMfazwe ebhalwe ngqindilili ngokusemxholweni wale noveli. (2)

11.8 Ingaba le ncoko ikwisicatshulwa imchaza ngokuchanekileyo uFriday xa isithi yinja yomntu? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.9 Khankanya indlela isipolisa esibe ngumqobo ngayo kwinjongo kaMfazwe yokukhalimela ingcinezelo. (2)

11.10 Kube bubuchule njani ukwenza ukuba uMfazwe noFriday babe nezimo ezahlukileyo kule noveli? (2)

11.11 Phawula ngesiphumo sesivumelwano sikaMfazwe nomfundisi uHlathi sokuqhwesha kukaMfazwe kule noveli. (2)

11.12 Ingaba le noveli ibhalelwe eliphi iqela labantu? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

**OKANYE**

## UNCWADI LWEMVELI

### UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Ngqina ukuba iintsomi, iingoma namaqhalo ziyasebenzisana kwimixholo engokucalulana. Thathela kwintsomi kaDeli noDeliwe ukuya kumaqhalo neengoma zemveli ozifundisiweyo.
Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

**INTSOMI KAKHETSHE NESIKHUKUKAZI**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala iintaka zaye zithandana,zisendiselana njengabantu. Ngelo xesha ukhetshe ufike watshata nesikhukukazi, bahlalisana kakuhle, bathandana oku kusisimanga bada bafumana nabantwana. Kwalile ngenye imini, ukhetshe wemka esiyakuphandela usapho into etyiwayo eshiya isitshixo sendlu nomfazi. Ekuhambeni kwendoda isikhukukazi sicinge ngokuya kutyelela isihlobo saso ebesihlala mgama. Kule ngcingane yembutho sihambe nabantwana baso ukuze nabo bafumane ithuba lokuya kubona ilizwe. Sincokole, sancokola, sancokola nesihlobo eso saso kwahamba ixesha, kwabonakala ukuba lifikile ixesha lokuba usapho lugoduke. Lufike ekhaya umninimzi engekabuyi, abantwana beyimfe kukudinwa, belambile, wada omncinane woyiswa kukunyamezela, wazibika kunina.

Isikhukukazi sibe ngasikhangela isitshixo sokuvula indlu ukuze abantwana batye, tu ukuvela isitshixo. **Sibhuqe, sabhuqa, sabhuqa sada sancama**. Kusenjalo, kwenzeka elona sikizi kuba umntwana wasuka waqhawuka, itshoba lalala umbethe ngenxa yendlala. Uthe umntwana esandul'ukufa wagaleleka ukhetshe, akuyibona le ntlekele wavutha ngumsindo engxolisa umfazi wathetha wenjenje:

'Ukususela namhlanje thina sobabini sahlukene. Kunjalonje kuya kuba njalo nakwinzala yethu. Ookhetshe baya kubatya abantwana beenkukhu kude kuvele esi sitshixo silahlekileyo. Uthe ukuba ukhetshe atsho wabutha konke okwakhe wemka. Okwenene kwenzeka ngokuthetha kwakhe kuba nanamhla oku ookhetshe basawatya amantshontsho eenkuku. Isikhukukazi sona asikancami kuba sisaphikelele ukuphanda ...'

13.1 Xela isenzo sikaSikhukukazi esenza ukuba uKhetshe ambone sele engasakufanelanga ukuba ngumfazi wakhe. (2)

13.2 Bafundiswa ntoni abaphulaphulaphuli ngesenzo somlinganiswa onguKhetshe kule ntsomi? (2)

13.3 Cacisa ukuba isikhwasilima sokuthanda imbutho siyiphembelele njani impixano ekule ntsomi. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



13.4 Esi sitshixo kuthethwa ngaso silichaphazela njani eli bali kwinqanaba lovuthondaba? (2)

13.5 Nika intsingiselo yentetho yombalisi ebhalwe ngqindilili ngokusemxholweni wale ntsomi. (2)

13.6 Ingaba umbalisi uyichaza ngokuchanekileyo imeko xa esithi yintlekele awafikela kuyo ukhetshe? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.7 Ingaba le ntsomi ibhalelwe eliphi iqela labantu? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

**A! ZILIMBOLA! – Isibongo senkosi**

1 A! Zilimbola!
2 Umtwan'oyinkwenkwe yindoda,
3 Yintandane kowabo emaThileni.
4 Ziqhayisa ngay'ezakowabo iintombi.
5 Nonin'uzingomb'isifuba ngaye.
6 Sakukhula isithombo kulibhong'emzini.
7 Yintlutha esizweni nasengqondweni.
8 Ngundize kubantwana ekuhlaleni.
9 Nkosi yam kungawe ke,
10 Choko-choko elimabalabala eGwali,
11 Mbishiza lamahlath'aseGwali,
12 Ntambanan'emaphiko tyityimb'emafini,
13 Sondel'esibhakabhakeni ikhaya leenkwenkwezi-
14 A! Zilimbola!

15 A! Zilimbola!
16 Yinkcalankcala inkunz'aseGwali,
17 Umjezula kakuhle gqitha ngeliso,
18 Ngomlomo le nkunzi iyabhodla,
19 Ibhodl'iintshwembenxa zamagama,
20 Itsho ngezibhebhewula uncuthu.
21 Ciko lokuncokola, ciko lokuvuma-
22 Mv'evum'engaziwayo ingoma.
23 Mabandl'akuloPhuthise nivile na?
24 Nditsho kuni mabandl'aseGwali.
25 MaGwali akuloPhuthise nibonile na
26 Ukusombuluka kwenamba kowayo?
27 Isilo esimzila sibonwa koomaFort Hare-
28 KoomaKapa kooRowudzi siboniwe.

EcoleBooks

13.8 Nika intsingiselo yomqolo wesi-6 ngokwalo mbongo. (2)

13.9 Caphula umqolo omchaza njengomfo omde ngokwesithomo lo Zilimbola. (2)

13.10 Ngqina ukuba isitanza sesibini sibhalwe ngenjongo yokuncoma lo ubongwayo. (2)

13.11 Yintoni injongo yokuphindaphindwa kwegama '... Gwali' kwesi sibongo? (2)

13.12 Xela isafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Hlalutya isakhiwo sale drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UMAGABA: | O-o-o! Yiyo le nto, uthe kanti sele ezibophelele. Ayinamsebenzi phofu loo nto iza kubuya iphele, akukho nento le ziinto zakhona ezo. |
| UMZAMO: | Kodwa ke mama kukho intetho ethi: 'Isala kutyelwa sibona ngolophu.' Xa nditshoyo ke ndithi yilumkeleni le nto niyenzayo. |
| UZWILAKHE: | Loo ntetho ke uyibhekisa kum kwedini? |
| UMZAMO: | Ha! Ha! Ha! Hayi bawo ungakhathazeki, ndibhekisa kuGugulethu lo nithi nimbonisa abe ephika ngeenkani. Phofu ke ingeza nakuni kuba zinokuthi kanti iziqhamo zonyanzeliso lwenu ziya kubetha nizisole nithi, 'akwaba', kube sekungekho mancedo sekukwabekile. *(Uyaphuma)* |
| UZWILAKHE: | Tyhini! <u>Abantwana abakhoyo abanazimilo</u>. Yhini na MaGaba, uyayiva le nto ithethwa ngulo mntwana uze kugeza emzini wam? Utsho kubani ukuthi isala kutyelwa sibona ngolophu? |
| UMAGABA: | Hayi kaloku Rhadebe ubuye wazihlangula wathi ubhekisa kwintanga yakhe. |

UZWILAKHE: Akumva ngoku aphumayo ukuba uthi le ntetho iyeza nakum?

UMAGABA: Hayi wethu ungabokuzimamela zonke izinto ezithethwa ngabantwana; bona bathetha nje besenziwa kungazi.
*(UMZAMO ungena endlwini enoGUGULETHU)*

UMZAMO: Hayi ke ntanga ndiwuvile unobangela wonxunguphalo lwakho. Kodwa ke ntanga bendikucebisa, zixolise, kuba ndakuth'ukujonga ndifumanisa ukuba ixhego alizimisele ukunikezela konke.

UGUGULETHU: Kodwa Mzamo yintoni le uyithethayo, ngubani ongalunqandayo uthando lwam endithanda ngalo uNomaMpondomise? Ukuba ndingaphinda ndithathe enye intombi andingebi andinanyani kusini na?

15.1 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama abukekela, akwizibiyeli kulo mdlalo? (2)

15.2 Xela unobangela wengxoxo ephakathi kukaZwilakhe noMzamo. (2)

15.3 Chaza impazamo eyenziwe nguZwilakhe kule drama. (2)

15.4 Uyahambisana noluvo lukaZwilakhe olukrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.5 Nika intsingiselo eziswa liqhalo elithi 'Isala kutyelwa sibona ngolophu' kule drama. (2)

ÉcoleBooks

15.6 Chaza ukuba ukwahluka kobudala ngeminyaka kuyiphembelele njani impixano kule drama. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

*(Ngoku sibona uNyaniso noMTHETHO benika ingxelo yokuphuthuma kwabo uGUGULETHU eMTHATHA kuZWILAKHE.)*

UMTHETHO: Mfo wethu, njengoko ubusithumile ukuba siphuthume umfana eMthatha, okunene siyile sawubeka umcimbi kuye njengoko ubusiyalele, sasebenzisa zonke izicengo. Kodwa ndilusizi ukuvakalisa umlomo wokuba zonke iinzame zethu ziwe phantsi. Umfana akafuni nokuva ngekhaya, uthi akasoze alubeke unyawo lwakhe apha ekhaya esaphila.

UZWILAKHE: Uthi yintoni isizathu?

UMTHETHO: Uthi masibuze kuwe.

UZWILAKHE: Kodwa yintoni le ndiyenziwa nguGugulethu? Uthini ngomfazi lo wakhe?

UNYANISO: Uthi akanamfazi. Uthi nanko owakhe elele phezu koMthatha.

UZWILAKHE: Uyaxoka uza kumondla lo mntwana ethanda engathandi ndifung'amaHlubi.

UNYANISO: Xa angafuniyo uza kumthini?



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



| | |
|---|---|
| UZWILAKHE: | Ukuba uyala ndiza kumfaka emthethweni yahlulwe ngurhulumente imali yakhe. Kodwa kuqala ndiza kuthumela umfazi lo wakhe kuye eMthatha. Wothi ke ukuba akamkhathaleli ndiqale ndithabathe amanye amanyathelo. |
| UMTHETHO: | Ungakhe Rhadebe uyenze into elolo hlobo, ndiyakucebisa. |
| UZWILAKHE: | Kuya kubakho ntoni? |
| UMTHETHO: | Ndithi ungakhe uyenze loo nto. |
| UZWILAKHE: | **Ndidiniwe kukondla usapho lwenye indoda yona ingakhathali**; ngoko ke ndinyanzelekile ukuba ndiluthumele. |
| UMTHETHO: | Uyaqonda na ukuba lo mfazi unabantwana? |
| UZWILAKHE: | Ewe ndiyaqonda. |
| UMTHETHO: | Uyaqonda na ukuba aba bantwana asingabo abakaGugulethu? |
| UZWILAKHE: | Ewe ndiyaqonda. |
| UMTHETHO: | Ke uthi uGugulethu makondle abantwana benye indoda? |
| UZWILAKHE: | Ewe kuba ityala likuye, lo mntwana wasemzini akanalo nelincinane ityala, nguGugulethu obalekileyo. Ukuba uGugulethu ebengabalekanga waya kuhlala eMthatha, ngeyingekho yonke le nto. |

15.7 Thelekisa uvakalelo lukaZwilakhe kwesi sicatshulwa nangemini ekwakugwetywa ngayo uGugulethu. (2)

15.8 Chaza ukuba sibaluleke ngantoni esi sicatshulwa kumxholo wale drama. (2)

15.9 Nika umyalezo odluliswa ngumbhali ngobudlelwane obuphakathi kukaGugulethu noMzamo. (2)

15.10 Ingaba le ntetho ibhalwe ngqindilili isetyenziswe njengophuphelo okanye ubuyomva? Xhasa impendulo yakho. (3)

15.11 Phawula ngendima edlalwa ngabafazi ukulukuhla amadoda ukuze enze izinto ezibalahlekisayo kule drama. (2)

15.12 Ngqina ukuba lo mdlalo yintlekele. (2)
**[25]**

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA*– M Lamati**

Hlalutya isakhiwo sale drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

*(Aphume uSirhezu, uSiphokazi abaleke aye endlwini. Ufika unina ethunga amadlavana akhe. USiphokazi ufika ahlale phantsi ngakunina).*

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI: | Mama, Gatyeni, ndinento endifuna khe sibonisane ngayo. |
| MAGATYENI: | Uncede ke Siphokazi, ungandixeleli ukuba kukho umfana okucelayo. |
| SIPHOKAZI: | Kaloku mama azinakuncedwa ezi zinto. Ziyanyanzeleka kuba ziyinxalenye yendalo. |
| MAGATYENI: | Andikabi nakuqiniseka ke mna ngaleyo kuba andikabi namntwana wendileyo, Nantso ke into yakho! Nisuka niqale ngobuciko xa nifuna ukusishiya enyanyeni ningasenzelanga nto, sakugqiba ukunifundisa kabuhlungu kangaka. |
| SIPHOKAZI: | Asibubo nobuciko mama, kodwa ke indalo yona yindalo, ayikhathali nokuba sekutheni na. |
| MAGATYENI: | Indalo yindalo ntoni na Siphokazi? <u>Sii! Ukufundisa umntwana oyintombazana, kukuzikhanda ngenyhek'etyeni</u>. |
| SIPHOKAZI: | Kanti ke mama mna ndicinga ukuba kungcono kwa-ukufundisa intombazana kunenkwenkwe. |
| MAGATYENI: | Khawutsho, kuba sekucacile ukuba ndiza kuxelelwa nguwe ngoku into elungileyo nengalunganga. |
| SIPHOKAZI: | Umntwana oyindoda ubhadla nje ngeli thuba engekazeki. Mhla wathabatha umfazi, uyaqala ukwahlukana nengqondo yakhe. Aqale kwawena mzali wakhe akubone ukuthakatha ngoku. |
| MAGATYENI: | Qhuba. |
| SIPHOKAZI: | Ungazi ukuba wawungathini na ukumkhulisa kabuhlungu kangaka, ngezinye iimini kuse kulayitwe isibane, ukuze athi ke ngoku lo mntwana akuba yindoda epheleleyo, uqale umqhomfe. |
| MAGATYENI: | Hayi uyimazi Siphokazi, ndikuncamile. Mandibuze kwalapha kuwe ke Qalazive. Yintoni ebenza babe njalo abafana? |

17.1 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama abukekela, akwizibiyeli kulo mdlalo? (2)

17.2 Xela unobangela wengxoxo ephakathi kukaSiphokazi noMaGatyeni. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



17.3 Chaza impazamo ephantse ukwenziwa nguSiphokazi ngokufuna ukutshata uMaqhikizane. (2)

17.4 Uyahambisana noluvo lukaMaGatyeni olukrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

17.5 Nika intsingiselo eziswa ligama 'umqhomfe' ngokwale ntetho kaSiphokazi. (2)

17.6 Chaza ukuba ukwahluka kobudala ngeminyaka kuyiphembelele njani impixano kule drama. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| MAGATYENI: | Masithabathise, singalindi ibhadi mfazi. |
| MAMQHINEBE: | *(Ehleka)* Andisavuyi nje xa seyinguwe ngoku ongxamileyo. |
| MAGATYENI: | Uthi ndiza kuthini na Qhinebe? Kaloku, oko ndathi ndazalwa ngumama notata, andizange ndiyalame engaka yona imali, andisathethi ke ngokuyibamba nkamfu ngesi sam isandla. |
| MAMQHINEBE: | Andivuyi, ndiyagcoloda ke Gatyeni xa **kuthe kanti amayeza kaMagrazula akubuyisele ezingqondweni.** |
| MAGATYENI: | Into nje endifuna ukuyicela kuwe Qhinebe yeyokuba 'inkonzo yona kufuneka kube kungona siyikhuthalele nyhani ngoku. |
| MAMQHINEBE: | Andayiqonda ke ngoku le uyithethayo. Yintoni *maan* esiza kuya kuyifuna enkonzweni ngoku siza kuba zizityebi nje? |
| MAGATYENI: | Kanti ke, qaphela Qhinebe, ingantle kakhulu le nto yethu xa sinokuyigquma ngezi bhatyi zomanyano. |
| MAMQHINEBE: | Kodwa ingathi uhlab'ukhangele Gatyeni. |
| MAGATYENI: | Siza kuzingela kweliphi icala ke namhlanje? |
| MAMQHINEBE: | Ulibele na ngoku? Ukho kaloku laa mfazi wakwa*Link.* |
| MAGATYENI: | Unyanisile, besendifuna ukumlibala. Ibe luhle usana lwakhe. |
| MAMQHINEBE: | Kukho into endixhalabisayo kodwa kulo msebenzi wethu Gatyeni. Abantwana aba bethu baza kuthi simana sisiya phi, siyifumana phi khona le mali ingaka? |
| MAGATYENI: | Mna sendinaso isisombululo kuleyo ingxaki. |
| MAMQHINEBE: | Uthini na apha kum ngoku Gatyeni? |
| MAGATYENI: | Siza kubaxelela ukuba sihamba eMzamba, apho siyiwina khona yonke le mali. |
| MAMQHINEBE: | Hayi ke kucacile ukuba lo msebenzi wethu usikelelekile xa icebo lisuka nje lifumaneke lula ngolu hlobo. Hayi Gatyeni ndikothulela umnqwazi. |

EcoleBooks

17.7 Thelekisa uvakalelo lukaMamQhinebe kwesi sicatshulwa nangemini awayebanjwa ngayo nguNtamo. (2)

17.8 Chaza ukuba sibaluleke ngantoni esi sicatshulwa kumxholo wale drama. (2)

17.9 Nika umyalezo odluliswa ngumbhali ngobudlelwane obuphakathi kukaMamQhinebe noMaGatyeni. (2)

17.10 Ingaba le ntetho ibhalwe ngqindilili isetyenziswe njengophuphelo okanye ubuyomva? Xhasa impendulo yakho. (3)

17.11 Phawula ngendima edlalwa ngamadoda ukulukuhla abafazi ukuze benze izinto ezibalahlekisayo kule drama. (2)

17.12 Ngqina ukuba lo mdlalo yintlekele-siyoliso. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM